education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

PREPARATORY EXAMINATION 2008

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-11.

IMIYALELO

1. Umviwa kulindeleke ukuba aphendule umbuzo OMNYE kwiCandelo ngalinye.

2. ICandelo NGALINYE malibhalwe kwiphepha ELITSHA, uze ukrwele umgca wakugqiba iCandelo.

3. Bhala cacileyo nacocekileyo, ucwangcise kakuhle umsebenzi wakho.

4. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nolwakhiwo lwezivakalisi.

5. UBUDE BEEMPENDULO:

   ICANDELO A: ISINCOKO: Bhala isincoko esingama-340 – 390

   ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE: Bhala i-100 – 120 amagama

   ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE: Bhala ama-80 – 100 amagama

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe SINYE esiva wena kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-340 ukuya kuma-390.

1.1 "Uze ulibambe lingatsho -o - o - ni!" Bhala isincoko esiphela ngala mazwi, **ubalise** ngesiyunguma apho kwakubanjenwe ngazo ngosuku lokukhunjulwa kweLifa Lethu, kukhutshiswana ngemixhentso yakwaNtu, kudlalwa iintonga, kuboniswa imisebenzi yezandla kukho neembongi zomthonyama.

[50]

OKANYE

1.2 Oomama

Bhala isincoko **uchaze** iimpawu zomntu ongumama nenxaxheba yakhe ekhaya, entlalweni, nasesizweni ngokubanzi. **[50]**

OKANYE

1.3 Iinkokeli zebhola ekhatywayo azilali buhlayo, umqeqeshi weqela lesizwe uwa evuka exonxa abadlali, thina luntu noosomashishini siginya ingwiqi. Isizwe sonke silangazelela umnyhadala wokhuphiswano lweNdebe yeHlabathi ngowama-2010!

Ucinga ukuba isizwe siza kuxhamla njani kulo mnyhadala? **Xoxa** ujonge ezi nkalo:

- Ulutsha
- Oosomashishini abasakhasayo
- Uqoqosho lwesizwe
- Uluntu gabalala **[50]**

OKANYE

1.4 Imfundo esekeke kwiziPhumo ikhupha umfundi oxhotyiswe ngezakhono ezinokumenza alungele ingqesho, wumbi alandele ikhondo alithandayo ngokuya kumaziko emfundo ephakamileyo. **Camngca** ngelakho iphupha, ubhale isincoko apho uza kusityhilela ngomgama oya kuba uwuhambile kwiminyaka emihlanu ezayo nenxaxheba oza kuyidlala entlalweni.



[50]

OKANYE

1.5 Iinqwelo-mafutha zibenza lula ubomi bethu. Sifika ngephanyazo apho siya khona. Kodwa-a! Hayi ngokusuba ubomi bethu! Ujonge olu luvo, **velela** amacala omabini, ubhale isincoko esiphuhlisa uncedo nobungozi beenqwelo-mafutha. **[50]**

1.6 **Bhala** isincoko ubonise indlela namacebo eniza kuwalandela ukuhlangabezana neendleko zotyelelo eniza kuluthabatha ningabafundi bebanga le-12. **[50]**

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

Khetha umhlathana omde ube MNYE kule ilapha ngezantsi ubhale ngawo. Ubude mabube ngamagama angama-100 ukuya kuma-120. Wubhale kwiphepha elitsha umbuzo ngamnye owukhethileyo.

2.1 **IMEMORANDAM**

Lo mfanekiso ungezantsi uvuselela ingcinga engathathelwe ngqalelo ngabasemagunyeni ngootitshala besikolo sakho abazinikeleyo emsebenzini, bayanikhuthaza, bayanakha, ngeenjongo zokuba niphume ningabantu abanokuzimela ebomini. Bhala **imemorandam** eya kwinqununu, nihlokoze lo mbandela, nicebise nokuba kungenziwa ntoni na ukuvakalisa umbulelo wenu njengabafundi.



[30]

OKANYE

2.2 **ILETA YOBURHULUMENTE**

Funda esi saziso uze ubhale **ileta** ulandela umyalelo onikwe ezantsi kwaso.

Isaziso esiphuma kwiphephandaba "ISIGIDIMI" somhla wama-2008-06-12

ISebe leNkcubeko nobuGcisa kuZwelonke

Eli Sebe linesipho-mali esibekwe bucala kulungiselelwa abafundi abagqwesileyo kwiziphumo zebanga le 12.

Umfundi uya kuqhuba nezifundo zakhe kwiDyunivesithi okanye kwiTekhnikon azikhethele yona, alandele la makhondo okanye elinye lala makhondo:

- Umculo
- Idrama
- Umdaniso

Iinkcukacha ezizeleyo zifumaneka kuSixole, kule nombolo: 012 341 8495

Idilesi: ISebe leNkcubeko nobuGcisa
PO Box 527
Pretoria
0001

Zithathe njengokuba ungomnye waba bafundi bagqwesileyo, kwiziphumo zebanga le-12, ubhale **ileta** eya kweli Sebe, wandlale imeko yakho nezizathu ezingabangela ukuba ubonwe njengoyena mfundi ufanelwe sesi sipho-mali. **[30]**

OKANYE

2.3 **UDLIWANO-NDLEBE**

Ninikwe iprojekthi efuna ukuba niqokelele ulwazi ngoomama abangamaqhawe omzabalazo nilungiselela ukhuphiswano lwezikolo zesithili oluza kuba ngomhla we-09 kweyeThupha.

Phakathi koomama eniphanda ngabo kukho uMphathiswa weSebe leMfundo kuZwelonke, uNkosikazi Naledi Pandor. Bhala uluhlu lwemibuzo oyilungiselele eli qhawekazi ngeenjongo zokufumana ulwazi ngenxaxheba yalo emfundweni.



[30]

OKANYE

2.4 **INQAKU ELIYA KUMHLELI**

Kufutshane nesikolo sakho kukho irenki yeeteksi, ingxolo apho nemikhwazo yabantu abathengisayo iyaniphazamisa ezifundweni. Isikolo sakho simana ukuthumela amanqaku kwiphepha-ndaba. Bhala **inqaku** oza kulithumela kwiphepha-ndaba ucacise le meko, ucela nokuba kuthathwe amanyathelo. **[30]**

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

3.1 IZALATHISO

Njengomhlali wale dolophu, sebenzisa le mephu ingezantsi **walathise** umhambi ohlangene naye kwisikhululo seeteksi, ofuna ukuya ebhankini kuqala phambi kokuba aye kwimibhiyozo yosuku lweLifa Lethu eseholweni. Sebenzisa la magama xa umalathisa:

- Isitalato
- Ibhulorho
- Iholo
- Ivenkile
- Iposi
- Ikhefi



[20]

OKANYE

3.2 **IPOWUSTA**

Niziqalele iqela lomculo wevangeli kwingingqi yakho, yaye ninqwenela ukuba niwutyale lo moya kulutsha lwesixeko ngokubanzi. Nizimisele ukwenza ingxikela yokhuphiswano apho kuza kukhuphisana amaqela ngamaqela ukuphumeza le njongo. Yila **ipowusta** eyazisa ngolu khuphiswano, uchaze ukuba iphi (indawo), inini (umhla). Ngawaphi amaqela angooMpondo-zihlanjiwe eniwamemileyo, kungenwa ngamalini, afumaneka phi amatikiti? Ixesha eqala ngalo malixelwe. Xa uyiyila qwalasela ezi nkalo:

- Imo
- Abantu abafumana ulwazi, irejista, ithoni, isimbo.
- Ukhetho-magama nokusetyenziswa kolwimi ngokufanelekileyo. **[20]**

OKANYE

3.3 **UKUZALISWA KWEFOMU**

Zalisa ezi **fomu** zilandelayo **ZOMBINI**: 3.3.1 no 3.3.2, ngokuthi ubhale iinkcukacha ezifanelekileyo kwimeko nganye: La maphepha aneefomu wancothule kwiphepha lemibuzo uwafake kwiphepha leempendulo, ungalibali ukubhala IGAMA lakho emantla. **[20]**

3.3.1

ZUZA AMABHASO AKWIXABISO LAMA-R70 000!

IiDVD, iiKhamera, iiSelula, iPlasma, iiKhompyutha, iiWotshi. Olu khuphiswano luvala ngomhla wama-30 kuNovemba 2008.

IFOMU YOKUNGENELA

Zalisa le fom yokungenela uze uyithumele kule dilesi: *SAVELLS FAIRDEAL*
PO BOX 2307
UKHUPHISWANO LUKA SEPTEMBA 2008 *MOBENI*
4060

Igama nefani: ……
Idilesi yokuposa: ……
……
……
Ikhowudi……..

Idilesi yasekhaya: ……..
……
……..
Ikhowudi……

Iinombolo zomnxeba: ……
I-Imeyile:……...

Umbuzo: Luvala nini olu khuphiswano?

Impendulo: ……

Imithetho:

1. Olu khuphiswano lungangenelwa nangubani na ngaphandle kwabasebenzi bakwaSavells Fairdeal nabaxhasi balo, iintsapho zabo nabeenkampani ezibhengeza iimveliso zabo.
2. Isigqibo sabagwebi asisayi kuphikiswa kungasayi kubakho mbalelwano ngaso.
3. Amabhaso akagqithiselwa komnye umntu okanye atshintshiswe abe yimali.
4. Abanini-mabhaso abangawalandanga kwiinyanga ezintathu baya kuphulukana nawo.

[10]

3.3.2

IYUNIVESITHI YASEPITOLI
UNIVERSITY OF PRETORIA
UNIVERSITEIT VAN PRETORIA

Bonke abafundi abanqwenela ukwazi ngakumbi ngeenkqubo zemfundo yabucala kweli ziko bayamenywa ukuba bazalise le khuponi bayithumele kule dilesi:

PO Box 22041
HELDERKRUIN
ROODEPOORT
1733

Ezinye iinkcukacha zingafumaneka ku-Ace Palmerton kule nombolo: 011 760 3608 okanye kwiselula: 083 4260 767

Itayitile: …….. Izimeli-magama: ……. Ifani: ……

Idilesi yokuposa: ……
……
…… Ikhowudi: ……

Iinombolo zomnxeba: (Ekhaya): ……

Iselula: ……

Inkqubo onqwenela ukufumana ulwazi ngayo:

1. Icandelo loMthetho: ☐
2. Icandelo leMfundo: ☐
3. Icandelo leZoqoqosho: ☐
4. Izifo zeNtlalo-ntle: ☐

Bonisa ngolu phawu **X** kwibhokisi oyikhethileyo. **[10]**

AMANQAKU ECANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE: 100